## IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B, uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

## ISICATSHULWA A

### UKUBALULEKA KOKUBHALA

1 Ukubhala bubugqi obanikwa umntu nguThixo khona ukuze ashumayele iindaba ezilungileyo nokuze ihlabathi lonke libe nobudlelwane ngembalelwano, limazi. Kuzo zonke izifundo emhlabeni sifumanisa ukuba ukubhala kwabaluleka endulo, kusabaluleke nanamhlanje. Xa sifunda ezimbalini siphawula ukuba kwaqala kwafundiswa izinto zantathu UKUBHALA, UKUBALA, NOKUFUNDA. Loo nto ithetha ukuthi ukubhala oku yinto yokuqala emfundweni. Umntwana mhla waya esikolweni, ingxaki yokuqala yetitshala kukumfundisa ukubhala. Ukubhala lisango layo yonke imfundo esinayo namhla.

2 Namhlanje zonke iinkalo zobomi zifuna umntu okwaziyo ukubhala. Kwimihla esinayo ungabona ixhego likhokhoba lingazanga laya esikolweni, kodwa ufumanise likwazi ukubhala igama lalo. Yintoni unobangela? Lithe noxa lingazanga laya esikolweni lakubona ukubaluleka kokukwazi ukubhala lathabatha inkxamleko yokuba lifundiswe oku kokubhala igama lalo.

3 Ukubonakalisa ubaluleko lokukwazi ukubhala, ndoqala ndithi gqaba-gqaba ndenze amabal'engwe ngokubhala incwadi (ileta). Ukubhala incwadi kuko okwenza ukuba izihlobo zethu nezizalwana zisoloko zisemehlweni noxa singaziboni ngeliso lenyama, kuba wothi wakumkhumbula umhlobo wakho okanye unqwenele ukuthetha nayiphi na into enxulumene nobuhlobo benu ukhwele ephepheni umbhalele. Umntu ke oluvinjiweyo olu lwazi usentlungwini yokungasiboni isihlobo sakhe sakusithela kuye ngeliso lenyama. Omnye ke wofika esihla enyuka, ehamba ecela abantu abakwazi ukubhala bambhalele. Wayengafuni nje ukuya esikolweni, uyafuna ukubhala oku, waye eluqonda ubaluleko lwako.

4 Enye into ke ebuhlungu kumntu ongakwazi ukubhala yeyokuba akasoze abe nalo ihlebo, ihlebo lakhe lasoloko linomntu wesithathu. Ngokubhalelana iincwadi sithi sibe nakho ukuthetha izinto siphendulana, side sifikelele ezigqibeni singadanga sathabatha nkxamleko yakudleka iimali sisiya kubonana ngamehlo. Olu bhalelwano-zincwadi ke luthe lwenza ukuba ihlabathi lonke liphela libe ngangentende yesandla, kuba ngesithuba sexesha elingephi nibhalelana niphendulane nomntu ophesheya kolwandle.

5 Ungathi ukuze ukuqonde ukubaluleka kwabo ubugqi bokukwazi ukubhala, ufune umsebenzi. UseMpumalanga, eThekwini, uyakwazi ukubhalela eKapa ufune umsebenzi, aphendule umnini-msebenzi akunike umsebenzi ukuba ukho, nenze izigqibo nanezane ukuba niyanezana, uwamkele umsebenzi ukuba uyakholwa nguwo ngembalelwano, usuke uyokungena emsebenzini ngemini enibekelene yona. Umntu ongenabo ke obu bugqi kunzima kuye, ucinga kaninzi phambi kokuba asuke eThekwini aye eKapa esiya kufuna umsebenzi angaziyo nokuba uya kuwufumana na. Omnye usuka ehambe olo hambo lweentsuku ezininzi adleke iimali engawufumani umsebenzi, kufuneke ukuba enze ezinye iindleko aphindele apho ebevele ngento engengakhanga wazixhamla kwakuzixhamla xa ebekwazi ukubhala.

6 Ngenxa yokubhala sazi zonke iintlanga ezisehlabathini. Ngenxa yokubhala sifunda amaphepha-ndaba sive izinto ezenzeka phesheya kolwandle eNtshonalanga, koomaMelika, kooma-Asiya, eMpumalanga nezinye iindawo ezikude ngexesha elingephi. Isizwe esibhalayo wofumanisa ukuba sesona silulwimi lugcinakeleyo, sixatyisiweyo. Zonke izizwe ezathi zalufumana kade zalunyabela olu lwazi lokubhala wofumanisa ukuba zatshabalala zaginywa neelwimi zazo zezibhalayo. Oluphilayo lolubhalwayo, ukuthetha nje akwanele.

7 Zininzi izinto ezicingwa yingqondo yomntu kangangokuba akanakho ukuzigcina entloko zonke. Ndiza kwenza umzekelo ngemicimbi yentlanganiso. Nenza intlanganiso ningayigqibi niyiyeke phakathi ngenxa yezizathu ezithile, nijonge ukubuyela kuyo kusuku olulandelayo. Ubuchule nobaluleko lokubhala luthi lubonakale kwesi sithuba. Ngenxa yokuba nibhale yonke into ebeniyithetha niyakwazi ukukhumbuzana ngentetho yenu yokugqibela anizukuchitha xesha ngokuba niphinda-phinda into ebeniyithethile, kungekho mntu uya kukhanyela intetho angumniniyo. Abantu abaninzi baphelele ezijele ngenxa yokukhanyela izinto ebebezithethile.

8 Imbali yezizwe esithi sifunde kuyo ngezinto zobuchopho nobuchule ezazisenziwa ngabantu bakudala yindyebo nelifa esilifumene ngenxa yokubhala. Ngenxa yokubhala iziganeko nezinto ngezinto ezazisenziwa ngabantu bakudala zithe zagcinakala. Ngenxa yokubhala sithi sibe nokubhala iintlobo ngeentlobo zeencwadi, ezinjengeenoveli, imidlalo namavo, ezinamabali amnandi ahlekisayo nabanga usizi, anjongo zawo ikukwakha umntu ngeemfundiso zawo. Kwincwadi nganye wothi ufumanise ukuba umbhali unento afuna ukuyifundisa kuluntu ngokubanzi. Ngenxa yokubhalwa kweencwadi sinendyebo engaboliyo nababhali abamfundiso ingaphelelwa xesha ihamba nezizukulwana.

9 Ebantwini akukho mntu unjengombhali weencwadi, kuba uyakwazi ukusakha isizwe ngeencwadi zakhe, kanti kwayena uyakwazi ukusichitha asilahlekise siyokweyela isizwe ngakubhalayo. Yiyo ke le nto kule mihla zonke iincwadi ezibhaliweyo kufuneka zikhe zathubeleza kumasebe athile asebuRhulumenteni zikhangelwa ukuba zilungile na ukuba zingafundwa, azingebangi monakalo kusini na.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *IMITHA YELANGA*, ebhalwe ngu: WK Tamsanqa: amaphepha 37–42, saze sahlelwa]

**ISICATSHULWA B**

## NDAKUNQANDWA ZIINKWENKWEZI!




[Icatshulwe kwi-Intanethi yaze yahlelwa-getty images]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

1.1 Sithini isizathu sokunikwa komntu nguThixo ubugqi bokubhala? (Kumgca 1–3) (1)

1.2 Bungqina buni esibufunda ezimbalini malunga nokuba ukubhala kwakukho kwakudala? (Kumgca 5–6) (2)

1.3 Caphula ibinzana elithetha into enye nokuba 'ukubhala sisiseko sayo yonke into esiyifundileyo kule mihla'. (Kumhlathi 1) (2)

1.4 Ixhego likubonisa njani ukubaluleka kokukwazi ukubhala? (Kumhlathi 2) (2)

1.5 Kunceda njani ukubhalela izihlobo nezizalwana ileta? (Kumgca 17–18) (2)

1.6 Yintoni ebangela ukuba umntu ongakwazi kubhala ihlebo lakhe lisoloko linomntu wesithathu? (Kumgca 22–23) (2)

1.7 Bhala ngamazwi akho eli binzana ' ... wenza ukuba ihlabathi lonke liphela libe ngangentende yesandla'. (Kumgca 30) (2)

1.8 Nika inzuzo efunyanwa ngumntu onobugqi bokubhala. (Kumgca 33–37) (2)

1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Khetha iqhalo eliyichaza gingci le ntetho ilandelayo:

'Zonke izizwe ezathi zalufumana kade zalunyabela olu lwazi lokubhala wofumanisa ukuba zatshabalalala ...' (Kumgca 47–48)

A Indlovu ayisindwa ngumboko wayo.
B Imbila yaswela umsila ngokuyalezela.
C Evuka mva ikholwa zizagweba.
D Inkungu ilala kwiintaba ngeentaba. (1)

1.10 Ingaba uyayixhasa intetho yombhali ethi, 'oluphilayo lolubhalwayo, ukuthetha nje akwanele'. Xhasa impendulo yakho. (Kumgca 49) (2)

1.11 Ngqina ukuba into ebhaliweyo ifana nedaliweyo. (Kumgca 54–57) (2)

1.12 Shwankathela ngamazwi akho umhlathi wesi-8 ngesivakalisi esinye. (2)

1.13 Ukubhala kunamacala amabini. Xhasa olu luvo. (Kumgca 69–71) (2)

**IMIBUZO: IZICATSHULWA B**

1.14 Yintoni injongo yomzobi ngokubeka isidanga phezu kweencwadi? (2)

1.15 Luthini uluvo lwakho malunga nefuthe eliziswa kukufunda iincwadi? (2)

**IMIBUZO: IZICATSHULWA A no B**

1.16 Ucinga ukuba sesiphi isicatshulwa esiphumeleleyo ekuphuhliseni ukubaluleka kokubhala kwezi zibini zingentla? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO

ISICATSHULWA C sithetha **ngexesha elinqongopheleyo kule mihla kunakudala**. Shwankathela ngamazwi akho **ifuthe ixesha elinalo kwindlela abantu ababezenza nabazenza ngayo izinto**.

**QAPHELA:**

1. Isishwankathelo sakho masiquke amanqaku ASIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
2. Bhala umhlathi ongenaziphene.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

### ISANTYA

Kumaxesha amandulo, kusadliwa ngendeb'endala, umntu ebelithabatha ixesha lakhe xa ethetha naxa esebenza. Kwa ukubuza impilo oku, kungekangenwa emxholweni wencoko, bekuthabatha ixesha elide kakhulu. Qonda kakuhle ukuba ngezo mini bezingekabikho iiwotshi, abantu bexhomekeke elangeni ukuqonda ukuba imini sele ihambe kangakanani na. Siyeva ezimbalini ukuba abantu bakudala bebeyenza imisebenzi yabo bethe chu kuhle.

Babenalo ngokwaneleyo ixesha lokuzenzela izinto zabo bengaxheshwa nto okanye mntu. Bebesebenza ngocoselelo nangenzondelelo kuba kaloku besazi ukuba akukho apho bangxamele khona.

Umhambi ubexatyiswe kakhulu kuba kaloku kuy'apha bekuncwaswe iindaba zelo cala avela kulo. Khumbula kaloku ukuba kuloo mihla ebengekho amaphepha-ndaba, bebengekho oonomathotholo noomabona-kude. Bekungelula ke ngoko ukuba umntu azazi izinto ezenzekayo kwiindawo ezithe qelele kuleyo yakhe.

Izithuthi ezikhawulezayo bezingekho kuloo maxesha, kuhanjwa ngeenyawo okanye ngamaqegu. Beziqengqeleka iintsuku abantu besendleleni, behamba bephumla, belalisa, babuye bathabathise. Bebewenza ke loo msina ndozele wabo bade baye kufika kuloo ndawo bebesiya kuyo.

Kule mihla siphila kuyo thina ixesha libalulekile kwaye nathi silixabisile. Yonke imisebenzi esiyenzayo nesiseza kuyenza siyisikela ixesha elithile. Sisoloko sixhinile sisukela kwiindawo ngeendawo. Asinalo ixesha lokube sibuzana impilo iyure yonke kuba mininzi imicimbi ekufuneka siyilungisile. Izithuthi esikhwela kuzo zibaleka ngamendu. Ezikolweni ootitshala bayaleqa hleze bafike abahloli umntu esemva kwisilabhasi. Ezibhedlele oonesi behla benyuka ukuzama ukusindisa imiphefumlo yezigulane. Emingcwabeni kufuneka kukhawuleziswe baze kukhululeka abangcwabi, kutyiswe abantu kuze kuchithakalwe. Asenzi ngabom, sizifumana sikwimeko esingakwaziyo ukuyilawula. Siphila kwixesha lempucuko. Izinto zempucuko zihamba ngexesha kuba zisekelwe phezu kwexesha.

Sithi sakungaliqwalaseli ixesha kuqale kubekho amagingxi-gingxi kwimicimbi yethu.

Impilo yethu iyenzakala lolu xheshekondini kuba sigqibela sesinezifo ezinjengezi: isifo sentliziyo; isifo sokumpontshwa kwegazi ngamandla emithanjeni; ukuqhawuka komthambo wegazi entloko; ukugula ngengqondo; isifo sezilonda ezihlasela isisu namathumbu; njalo njalo. Esi sikhankanywe mva isifo sixhaphakile kubantu abanjengabaphathi bemibutho emikhulu nomanejala bemizi – mveliso emikhulu.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *AMAXESHA EMPUCUKO SISINGISE PHI NA?* ebhalwe ngu: M Yekela: amaphepha 1–3, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUHLALUTYA IINTENGISO

Funda le ntengiso ingezantsi (ISICATSHULWA D) uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA D**

# KWAVUKANI MADODA KUSILE

Xabis'ixesha ukuze nalo likuxabise!

Ezethu iiwotshi zitsho ngentsholo eyenziwa ngumgqala odiza ukuqhekeka kokusa, ukuqina kwemini norhatya lwemivundla.

Quqa kuba ixesha lixhatshwe yinja.

Mlisela nomthinjana anifuni kuzibonela! Amaxesha asiwajongi ncwadini?

Ninengxaki yokugcina ixesha, Yizani ngoku! Isisulu singekapheli.

Balasela ngokugcina ixesha.



Iiwotshi zethu zezexabiso zenza nawe ube yinkosana okanye inkosazana phakathi kwabantu.

Sithinte kule dilesi www.vmk ngeenkcukacha ezithe vetshe.

[Sicatshulwe kwi-Intanethi-www.googlesearch.com]

3.1 Ijoliswe koobani le ntengiso? (1)

3.2 Sithini isilogani sale ntengiso? (1)

3.3 Yeyiphi le mveliso ithengiswa kule ntengiso? (1)

3.4 Ingaba uphumelele umyili wale ntengiso ekudluliseni umyalezo wakhe ngale ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.5 Ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi lisetyenziselwe ntoni ngumthengisi? (2)

3.6 Khetha impendulo kwezi zilandelayo. Sithetha ntoni isaci 'ixesha lixhatshwe yinja' esikule ntengiso?

A Ixesha limile.
B Ixesha liphelile.
C Ixesha libanjiwe.
D Ixesha lifikile. (1)

3.7 Sinxulumana njani isihloko sesi sibhengezo-ntengiso nokuthengiswa kuso? (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA

Funda ISICATSHULWA E uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA E: IKHATHUNI




[Icatshulwe kwi-Intanethi www.googlesearch.com yaza yahlelwa]

4.1 Xela izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba umntu ongasekhohlo kwibhokisi yoku-1 unomsindo. (2)

4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Iveza ntoni impendulo yomntu osekunene okwibhokisi yoku-1 ngesimo sakhe?

A Ukuhlonipha
B Ukuthanda
C Ukucingela
D Ukudelela (1)

4.3 Kubonisa ntoni ukumjonga kwakhe ntshoo emehlweni umntu osekhohlo umntu osekunene kwibhokisi yesi-2? (1)

4.4 Yeyiphi imvakalelo evezwa sisibini esikwibhokisi yesi-3? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.5 Kunxulumana njani ukusongwa kwezandla ngumntu osekhohlo nento ayithethayo kwibhokisi yesi-4? (2)

4.6 Uthini umyalezo wale khathuni? (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA F

**INGQONDO**

1 Ndisoloko ndisiva kusithiwa ubani unengqondo efileyo, wumbi kuthiwe unengqond'ephaphileyo, kanti bakho nekuthiwa banengqondo ezinzileyo, nabadume ngobutatatsholo bengqondo. Ade athukwe omnye kuthiwe ingqondo yakhe ilele. Bakho ekuthiwa iingqondo zabo zibuthuntu, mhlawumbi bambi badume ngobukhali bengqondo. Sekukho nento ethi ingqondo kabani ayiphali iyaruruza ukuba akutshiwongo ukuthi iyasokola. Kungade kuthiwe ingqondo yomntu ivene, iyawasazela kanti kuyatshiwo nokuthi ixinene.

2 Ibalulekile ingqondo yomntu kwabanye abantu ahleli nabo, kuba befuna ukumazi umntu bathi bafunde ingqondo yakhe, zeke babe bayamazi, ukuze bakwazi ukuhlala naye ngaphandle kwexhala, kanti ngenxa yengqondo yakhe basenakho ukulumkela bembeke esweni.

3 AmaXhosa azihloniphile iingqondo zawo. Amadoda aya kusoloko ezibekele ngezankwane, ngeeqhiya nangeminqwazi ukuze zingemki nomoya okanye zichanatywe lilanga. Kukho nto ayoyika kakhulu amaXhosa, yile yokufundwa ingqondo ngomnye umntu. Umntu ubonwa ngokuhamba ngentloko ukuba uphungulekile. Ukuba ubonwe ehamba ngentloko kuthiwa azigqibanga. Amakhwenkwe namantombazana wona avumelekile ukuba angahamba ngeentloko. Akukho mntu ulindele lukhulu kubo kuba kusithiwa ngabantwana. Akukho lutho lucingwa ngabo kuba bahamba ngeentloko, hayi ngenyawo.

[Sicatshulwe kwincwadi *UGEME*, ebhalwe ngu: PT Mtuze. HN Mjamba: amaphepha 64–65, saze sahlelwa]

5.1 Guqula le ntetho ingezantsi ibe kwingxelo ntetho.

'Ndisoloko ndisiva kusithiwa ubani unengqondo efileyo …' (Kumgca 1) (2)

5.2 Xela udidi lwesichazi esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

'... kanti bakho nekuthiwa banengqondo ezinzileyo ...' (Kumgca 2) (1)

5.3 Nika imo evumayo yesenzi '... ayiphali ...' esikwisivakalisi esilandelayo.

'Sekukho nento ethi ingqondo kabani ayiphali ...' (Kumgca 5–6) (1)

5.4 Sisetyenziswe njani isibizo esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi?

'**AmaXhosa** azihloniphile iingqondo zawo.' (Kumgca 12) (1)

5.5 Bhala isithethantonye sesenzi 'zichanatywe' esikwibinzana elilandelayo.

'... zichanatywe lilanga.' (Kumgca 14) (1)

5.6 Sikweliphi ixesha isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi?

'Umntu ubonwa ngokuhamba ngentloko ukuba uphungulekile.' (Kumgca 15–16) (1)

5.7 Senze msebenzi mni isimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

'Amakhwenkwe namantombazana wona avumelekile ukuba angahamba ngeentloko.' (Kumgca 17–18) (1)

5.8 Bhala igatya eliyintloko elifumaneka kwisivakalisi esilandelayo:

'Akukho mntu ulindele lukhulu kubo kuba kusithiwa ngabantwana.' (Kumgca 18–19)

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| 5.8.1 Akukho mntu ulindele lukhulu kubo. | A Igatya elintanganye. |
| 5.8.2 Kuba kusithiwa ngabantwana. | B Igatya elayamileyo. |
| | C Igatya eliyintloko. |

(2 x 1) (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**